basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LOKUQALA (P1)

## NOVEMBA 2015

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: Iiyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha ali-12.**

**IPHEPHA LEMIYALELO NEENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isicatshulwa | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (30) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu 50
   ICANDELO B: Imizuzu 30
   ICANDELO C: Imizuzu 40

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISICATSHULWA

## UMBUZO 1

1.1 Funda esi SICATSHULWA A uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

**UBUTYEBI**

1 Ingaba ukho umntu ongafuni kutyeba kweli xesha sikulo, eli xesha lifuna ukuba umntu aqale abeke phantsi imali phambi kokuba kungaqhubeka nayiphi na into? Umntu onjalo umelwe ukuba othulelwe umnqwazi kuba ndiqinisekile uninzi lwabantu phandl' apha luyabulangazelela ubutyebi. Ubutyebi singatsho ukuthi kukuba nayo ngokugqithisileyo nayiphi na into ethatyathwa njengeyona nto inexabiso eluntwini. Into enexabiso ke yileyo iluncedo eluntwini okanye leyo iphilisayo. Ngamanye amazwi singatsho ukuthi ubutyebi yintlutha. Umntu osisityebi ngumntu ohluthayo oyiva ngembali indlala.

2 Phaya phambili ubutyebi bomntu bebuqikelelwa ngokobungakanani bemfuyo yakhe. Umzi wendoda esisityebi ububonwa ngokuphuphuma kobuhlanti yimpahla. Inkomo sesona silo anegugu ngaso umXhosa; kwakunjalo mandulo, kusenjalo nanamhla. Isinhanha sendoda ke ngoko ibiyileyo iinkomo zingenakubalwa ngenxa yobuninzi bazo. Enkomeni amaXhosa ebezuza lukhulu. Ebefumana ubisi, inyama, ufele, iimpondo kwanobulongwe bokusinda. Ekulimeni bekusetyenziswa kwa ezi nkomo. Indoda esisityebi ibikwazi ukuzeka uthotho lwabafazi ingenaxhala ngokulobola. Kwizisusa ezixatyisiweyo ezinjengemitshato bekusiwa inkomo yoyis' umntu inyama. Kule mihla ubutyebi bomntu buqikelelwa ngobungakanani bemali anayo ebhankini. Nangona baseliqela nje abantu abafuyileyo, imali ngoyena singaye kobu bomi banamhla. Amaxesha amaninzi kuye kunyanzeleke ukuba umntu athengise ngenxalenye yemfuyo yakhe khon' ukuze abe nakho ukuzuza imali anokuthenga ngayo izinto ezithile eziyimfuneko. <u>Baninzi abantu abakwiindawo eziphezulu kungoku nje ekwafuneka kuthengiswe ngemfuyo ukuze bafunde.</u>

3 Ubutyebi bangoku bumbiwa ngaphantsi komhlaba. Kumbiwa amatye exabiso anjengegolide, isilivere, idayimani, njalo-njalo. La matye ayahlanjisiswa ngezikhucula-ntsila zodidi oluphambili aze aphekwe kwawona maziko akhe ashushu omlilo. Emva koku ayapholiswa aze enziwe abe yimali okanye abe zizihombiso ezimenyezelayo ezigaxelwa emzimbeni okanye ezihombisa ezindlwini. **Igolide yona ide yenziwe ibe zizitena ezithi zigcinwe koovimba bemali abakhulu apho ihlala khona njengobutyebi obufuyiweyo**. Obunye ubutyebi obuphuma emathunjini omhlaba bobo be-oyile. I-oyile iyafumaneka nangaphantsi kwamanzi olwandle. Inkqubela-phambili yamazwe onke namhlanje ixhomekeke emandleni aphuma kwi-oyile.

4 Zininzi iindlela abathi batyebe ngazo abantu. Bakho abantu abaqala phantsi eluthuthwini, babile besoma, bawe bevuka, banyuke bade baye kufikelela encochoyini batsho babe ziingcungcu. Umntu obufumene ngolu hlobo ke ubutyebi ngoyena udla ngokuhlonelwa ngabantu. Imbangi yoko kukuba yena uzenze ngokwakhe le nto ayiyo; akathathanga ntweni. Ubutyebi obufunyenwe ngolu hlobo bobona bukholisa ukuzinza kuba kaloku bona bufunyenwe ngokubila kwebunzi.

5 Mntu wumbi uyakwazi ukuzibona sele esisityebi ngenxa kaqashi-qashi okanye ukhuphiswano. Uqashi-qashi othandwa kakhulu ngowamahashe kude kuthi umdyarho kaJulayi phaya eThekwini. Xa athe ubani wawachana kakuhle la mahashe, uye azuze isithonga esimenza abe sisigwili sabumini. Imidlalo nayo kanti iyamenza umntu ukuba atyebe. Emidlalweni kufuneka ubugcisa obuthi buphuhliswe ngamalungiselelo-mdlalo athe rhoqo; kanti nokuzingisa kuyafuneka. Apha umntu uyayibilela xhopho imali kwaye kucacile ukuba ivila nomntu okhawulezayo ukunikezela abangeni ndawo.

6 Batyebile abantu phandl' apha ngumculo. **Umculo uzithimbile iingqondo** neentliziyo zabantu ingakumbi ezolutsha. Mihla le kuvela iimvumi neemvumikazi ezintsha kwangokunjalo namaqela. Ubhalo-ncwadi nalo luyakwazi ukuyigxothela kude indlala xa athe ubani wazinikela ngokupheleleyo kulo. Iincwadi ezininzi zababhali bodumo ziguqulelwa kwiilwimi ngeelwimi khon' ukuze zibe nokufundwa ziintlanga ngeentlanga. Ezinye zazo zisetyenziswe kanobom ekwenzeni imidlalo yeqonga nasekwenzeni iifilimu zodidi oluphambili.

7 Bukho ubutyebi obuza ngobusela, ngokukhuthuza, ngokuhlawulisa izinhanha imali yokhuseleko, ngokukhululwa kwexhoba ekumkiwe nalo ngetshova, njalo-njalo. Obu ubutyebi buza ngendlela ekhohlakeleyo yaye abuye buhlale xesha lide koko bukhawuleza bubhange. Abantu abatyeba ngolu hlobo zizikrelemnqa nabaphangi abangcungcuthekisa imiphefumlo yabanye abantu. Nabo abayidli kakuhle le mali bayifumene ngale ndlela kuba soloko behleli benexhala lengalo yomthetho ende.

8 Zikho ezinye iindlela ezininzi anokuthi umntu atyebe ngazo ezingakhanka-nywanga ngentl' apha. Nangona kunjalo likhulu ngokungakholelekileyo inani labantu abaswele nale imdaka isenti yokuba bathenge into etyiwayo. Baninzi abantu esivele bezama kodwa abakatyebi nanamhla oku. Bakho abo baqale izolo kodwa namhlanje babalelwa kudidi lwabantu abahluthayo. Akukho namnye umntu ofanelwayo bubuhlwempu ngoko ke masizame ukuphila kumgangatho ongentla ebuhlwentshini nokuba asibanga zizo izityebi.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi *AMAXESHA EMPUCUKO SISINGISE PHI NA?*,
ebhalwe nguM Yekela: amaphepha 5–8, saze sahlelwa]

**Jonga kumhlathi wokuqala**

1.1.1 Yintoni ubani ekufuneka ayenze ukuze atyebe? (1)

1.1.2 Lithetha ukuthini igama, 'luyabulangazelela'? (2)

1.1.3 Yintoni ubutyebi ngokwalo mhlathi? (1)

**Jonga kumhlathi wesibini**

1.1.4 Iinkomo beziyeyona mfuyo ubutyebi bendoda ebebujongwa ngayo. Ngqina oku ngokwalapha kwisicatshulwa. (1)

1.1.5 Zizathu zini ezenza umbhali athi umXhosa uyixabise kakhulu inkomo? Khankanya zibe ZIBINI. (2)

1.1.6 Thelekisa indlela obahluke ngayo ubutyebi bangoku nobamandulo. (2)

1.1.7 Isivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kumhlathi wesi-2 siveza ntoni ngemfuyo? (2)

**Jonga kumhlathi wesithathu**

1.1.8 Ithini inkqubo elandelwayo xa kusenziwa imali? (2)

1.1.9 Isivakalisi esibhalwe ngqindilili kulo mhlathi sibonisa ntoni ngegolide xa uyithelekisa nezinye izimbiwa? (2)

**Jonga kumhlathi wesine**

1.1.10 Chonga kulo mhlathi ibinzana elivelisa ukusebenza nzima. (2)

1.1.11 Yintoni ebangela ukuba umntu oqale phantsi ukufumana ubutyebi ahlonelwe? (1)

**Jonga kumhlathi wesihlanu**

1.1.12 Ngumntu onjani ongenakho ukubufumana ubutyebi ngemidlalo? (1)

**Jonga kumhlathi wesixhenxe**

1.1.13 Ungabonwabela na ubutyebi obukhankanywe kumhlathi wesixhenxe xa unokubufumana? Xhasa impendulo yakho. (2)

**Jonga kwisicatshulwa sonke**

1.1.14 Mfundiso ni efumaneka kwesi sicatshulwa? (2)

1.2 **ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**



[Ucatshulwe kwi-intanethi-www.cartoonstock.com]

| | | |
|---|---|---|
| 1.2.1 | Loluphi udidi lobutyebi oluvezwa kulo mfanekiso? | (1) |
| 1.2.2 | Iveza ntoni indlela alifunqule ngayo itakane legusha lo mfo? | (2) |
| 1.2.3 | Unxulumana njani umfanekiso okwisicatshulwa B nesicatshulwa A? | (2) |
| 1.2.4 | Bungasesichengeni njani obu butyebi bukulo mfanekiso? Nika iingongoma zibe MBINI kwimpendulo yakho. | (2) |

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda ngocoselelo ISICATSHULWA C esingezantsi. Kwesi sicatshulwa kuthethwa ngokunyaniseka.

**QAPHELA:** Kulindeleke ukuba wenze oku kulandelayo:

- Shwankathela ngawakho amazwi ungacaphuli njengoko kubhaliwe kwitekisi.
- Impendulo yakho mayingadluli kumagama angama-70.
- Shwankathela ngomhlathi kuphela.
- Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko.
- Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

### ISICATSHULWA C

**UKUNYANISEKA**

1 Yinto entle nebukeka kakhulu kuzo zonke iintlanga le nto ikukunyaniseka. Nakuba ngathi inelahleko, okwexeshana, kumntu oyibambileyo, noko ekupheleni ilelona tyholo angazimela ngalo umntu, ukuze abe nguye kwabanye, athenjwe, aphumelele, abe negama eliya kuthi noko angasekhoyo libe lona lisathetha.

2 Yinto embi kakhulu kumntwana ukuxoka, ize igqithe ukuba mbi ngakumbi kumntu omkhulu ukuthetha into engeyiyo inyaniso. UThixo wasipha ulwimi lokuthetha inyaniso. Ukuxoka ngumkhwa othi wakumqhela umntu usuke ungabi sahlukana naye, athi kanti naye akasazazi nokuba ehamba nje ulixoki, onke amaxesha athethayo uba uthetha njengabanye abantu abaqhele ukuthetha inyaniso, ukanti ethetha nje abantu, noko ngathi bayamphulaphula, bathe nqa kuba besazi ukuba uyawaxoka.

3 Ukulandula into unayo uthi akunayo yenye yeendlela zokuxoka okuqhelwe kakhulu nangabantu abebefanele ukuba bathenjwe. Ukuthi uxelelwe into, uze uyalwe ukuba ungayithethi nakubani, uze usuke wena uyithethe komnye umntu wesithathu, ngelithi uyamhlebela, kukuxoka oko, kuba kukwaphula idinga nomnqophiso phakathi kwakho nowenu, waye usenjenjalo nje ufuna ukubambisana abantu ngolwimi lwakho ongenakho ukuluqhobosha.

4 Ukuyigqwetha ngabom intetho ethethwa ngomnye umntu ukwenzela ukuba ivakale kakubi kwabanye ukuze imenzakalise, kukuxoka oko. Ukongezelela kwinto oyithethayo ngaphezu koko ibinjalo, kukuxoka. Ukuluteketisa ulongezelelo olo ulwenzayo, ngokuthi ndikhulisa inyaniso, kukongezelela kwa obunye ubuxoki.

5 Ukunkinkishela umntu ulwazi,ungalukhuphi lonke ngobunjalo balo, bubungozi obufana nqwa nobu buchazwa nguTennyson. Uthi uTennyson, oyimbongi yasemLungwini, 'Inyaniso eyenziwe isizekevu ukuxelwa, obo bobona buxoki bugqithisileyo'.

6 Ukulubuka undwendwe, ulubonise ubuso obuhle, uthethe kakuhle nalo xa lusephambi kwakho, kanti uza kulusika iimpundu, uluhlebe lusakuthi tshiki, loo nto kukungabi nakunyaniseka nakuthembeka.

7 Isimilo sexoki senzakalisa lona ngaphezu kokwenzakalisa abo lihamba lixoka ngabo. Yinto elungileyo ukuyixela into oyaziyo wakubuzwa; kodwa yinto eyahlukileyo nembi ukuhamba ugxeka, uthetha into ongayibuzwanga. Yeha! akwaba uQamata angawapha amadodana neentombi zethu amehlo, nesipho sokuba bazibone njengoko babonwa ngako ngabanye abantu.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi *ZEMK'IINKOMO MAGWALANDINI*, ebhalwe nguWB Rubusana: amaphepha 30–31, saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

## UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D**




[Sicatshulwe kwi-intanethi-www.cartoonstock.com]

3.1 Singantoni esi sibhengezo? (1)

3.2 Kubonisa ntoni ukusetyenziswa kwesithole kwesi sibhengezo? (1)

3.3 Chonga ibinzana elithetha ukubeka imali ulungiselela nabantwana abangekazalwa. (1)

3.4 Nika isichasi segama, 'inzala' elikwesi sivakalisi silandelayo.

... kwezona mveliso zotyalo-mali zinika inzala eninzi ... (1)

3.5 Kutheni lo unikwayo eyikhongozele ngezandla zozibini le nto ayinikwayo? (1)

3.6 Ingaba siluncedo esi sibhengezo-ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.7 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwimo elandulayo.

Liya kuhamba nawe kwilizwe elibanzi lotyalo-mali. (1)


3.8 Yintoni injongo yomthengisi ngokufihla umntu omdala aveze isandla esinika umntwana isithole? (2)

**[10]**

**UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI**

Funda esi SICATSHULWA E uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**




[Icatshulwe kwi-intanethi-www.cartoon/grandeur.net]

4.1 Baphi aba bantu bakule khathuni? (1)

4.2 Iveza ntoni inkangeleko yalo mntu umileyo? (1)

4.3 Ugqithisa myalezo mni umbhalo osebhodini? (2)

4.4 Iintshukumo ezenziwa ngabantu abahleli phantsi kule khathuni zibonisa ntoni ngabo? (2)

4.5 Isivakalisi esibhalwe ngqindilili kwintetho yalo umiyo sibonisa ntoni? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

A Ulwimi oluqulethe ingcinga encumisayo.
B Ulwimi oluqulethe ingcinga ehlekisayo.
C Ulwimi oluqulethe ingcinga ecalanye.
D Ulwimi oluqulethe ingcinga entsonkothileyo. (1)

4.6 Kubonisa ntoni ukutsalwa kwesikhuzo u 'Yhu-u-u'? (1)

4.7 Ingantoni le khathuni? (2)
**[10]**

## UMBUZO 5: IMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

Funda esi SICATSHULWA F uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA F

Kwakungethuba elingakanani esetrongweni uCamagu ukuzalisekiswa komingimingi lokudilizwa kwelokishi yakwaTsolo, endaweni yayo kwakhiwa intabalala yezindlu zabelungu ezimaxabiso aphezulu. Bathi saa kulo lonke okwamantshontsho afelwe ngunina. Uninzi lwatyhalwa ngesixhanti lwaya kulahlwa kwilokishi-dolophu entsha eyakhelwa abamnyama iRhubusana, zaqhawukana izihlobo, bakhukuliseka ubuntu … Loo nto yenza ukuba le ndawo iRhubusana ikhule inwenwe okomlilo wedobo. Yakhula yaxinana, zaxinana neengqondo zabemi bayo. Ahluma amadoda azizityebi ngokukhawuleza, zazininzi izaphuselana, yavela nemiguvela …

ULumkile Phakathi waba ngomnye wabantu abaya kuhlala kule lokishi. Wakhawuleza ukuhluma, kwathi kungekudala wabe engomnye woosomashishini abaphambili. Wayekhaliphile uLumkile esebenza ngamandla, ehletywa ukuba akukho nto angayithengisiyo kwezisemthethweni nakwezingekho mthethweni. Xa kuthethwa kusetyezwa ngemiguvela ehamba ngobusuku kuphela igama lakhe lalingashiywa.

Ayebalwa abe maninzi amashishini akhe, ileleeteksi phambili, nawathi wazizinzisa ngalo kuloo msebenzi kunye nobhazalala wevenkile yeempahla yamanene namanenekazi. Kwacaca ukuba **iliso** kula mashishini nguGcisani inkosikazi yakhe. **Kwabonakala ukuba aphethwe sisandla somntu ongumama** kuba kaloku amadoda akakwazi kuphatha mashishini ngempumelelo. Kwakucaca ukuba uya kuphelela etrongweni yena uLumkile, njengayo yonke imiguvela.

[Sicatshulwe kwincwadi *UMLIMANDLELA*, ebhalwe nguN Saule: Amaphepha 29–30, saze sahlelwa]

5.1 Lenze msebenzi mni igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sicatshulwa? (1)

5.2 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo sibe kwingxelo-ntetho.

'Sihlumile ngokukhawuleza …' utshilo uLumkile. (2)

5.3 Siphuhlisa ntsingiselo ni isimamva u-ana kwigama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo?

Izihlobo zaqhawuk**ana**, ubuntu bakhukuliseka. (1)

5.4 Nika isibizo esinokwakhiwa kwesi senzi sibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo.

Endaweni yayo **kwakhiwa** intabalala yezindlu. (1)

5.5 Hlahlela esi sivakalisi silandelayo ukhuphe igatya eliyintloko negatya sihlomelo sexesha.

Abantu bakuTsolo bahluthwa umhlaba wabo ngexesha lokufika kwamaJamani.

Bhala impendulo yakho ngolu hlobo:

| IGATYA | UDIDI NOLWALAMANO |
|---|---|
| 5.5.1 | A |
| 5.5.2 | B |

(2 x 1) (2)

5.6 Nika intsingiselo yesi sivakalisi, '**Kwabonakala ukuba aphethwe sisandla somntu ongumama** ...' sibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

5.7 Nika umsebenzi wesakhi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo.

Lishishini leeteksi awathi uLumkile wa<u>zi</u>zinzisa ngalo. (1)

5.8 Sebenzisa igama, 'iliso' kwisivakalisi linike intsingiselo eyahlukileyo kule ikwesi sivakalisi silandelayo.

Iliso kula mashishini nguGcisani. (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**